Isifundo 13

**Juni 22–28*

Ukubuyiselwa Kweentliziyo Ngexesha Lokuphela

Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:
Mal. 4:5, 6; Mat. 11:14, 15; 17:10; 1 Kumkani 16:29–17:24; 1 Kumkani 18:20–45; Mat. 3:2.

Indima Yenkumbulo:
" 'Yabonani, ndiya kuthumela kuni uEliya umprofeti, ingekafiki imini enkulu eyoyikekayo kaYehova. Wobuyisela iintliziyo zooyise kubantwana, neentliziyo zabantwana kooyise, hleze ndize ndilichithe ilizwe ngokuliphanzisa" (Malaki 4:5, 6).

Ubomi bethu buphilwa ngemigangatho. Ngamanye amaxesha loo migangatho iqhuba kakuhle; ngamanye kungabi njalo. Ngamanye amaxesha iintsapho ziyabambana zomelele; ngamanye zibabuthakathaka, okanye ziqhekeke. Nokuba kukwesiphi isigaba, nokuba ngowuphi umgangatho, nokuba imeko yethu okanye eyosapho lwethu ithini ngaloo mzuzu, sinako kwaye kufuneka siphile ekukhanyeni kwezithembiso zikaThixo, sibambelele kuzo ngentliziyo yethu yonke nomphefumlo wethu wonke nangamandla ethu wonke kuba, ekugqibeleni, kuphela kwethemba lethu elo. Ubukhulu bethemba elinjalo. ILizwi likaThixo livuza izithembiso, izithembiso ezithi, nokuba kukowuphi umgangatho ebomini bethu okanye kwiintsapho zethu esikuwo----sinako ukuzibangela, sizibangele iintandane zethu [amakhosikazi okanye abayeni], iintsapho zethu, nebandla lethu. Kule veki, eyeyokugqibela kule kota, siza kuqwalasela amanye amabali eBhayibhile, izithembiso, namava kwiimeko ezahlukeneyo. Xa sisenza oko, siya kuzama ukuzikhuphela izifundo zanamhlanje, nokuba imeko yethu ithini na. Kuba, kunokwenzeka, nokuba ungubani na, nokuba ukwesiphi isigaba sobomi bakho, unawo amadabi, uloyiko, neenkathazo. Ngethamsanqa, sinqula uThixo onganeli ukwazi nje kuphela oko sijongene nako, kodwa ongaphambili nakuko konke, nto leyo esingaqiniseka ngayo.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJuni 29.*

Isiprofeto Seentliziyo Ezibuyiselweyo

Thelekisa isiprofeto sokufika kukaEliya nokubhekisa kweTestamente eNtsha kwesi siganeko. Mal. 4:5, 6; Mat. 11:14, 15; 17:10; Marko 6:15; Luka 1:17.

Ngemihla kaMalaki, isibheno sikaThixo kwisizwe, " 'Buyelani kum, ndibuyele kuni,' " safumana impendulo yokuziphakamisa," ' "Sibuye ngokuthini na?" ' " (Mal. 3:7). Umprofeti owayenodano wavakalisa ukuba liya kuba linye kuphela elinye ithuba lemvuselelo eliya kunikwa. Ekhumbula uhlaziyo olwenziwa nguEliya lokubuyiselwa kweentliziyo (1 Kumkani 18:37), UMalaki waxela kwangaphambili ngokuza kwakhe [uEliya] kwakhona ukuba " '[abuyisele] iintliziyo zooyise kubantwana, neentliziyo zabantwana kooyise'" (Mal. 4:6). Isithethe sakwaYuda sakhulisa into ethi uEliya uya kuvela ngokwakhe esazisa ngoMesiya (thelekisa noMat. 17:10, Marko 6:15). Phofu ke, iTestamente eNtsha imveza uYohane umBhaptizi ekukuzaliseka kwesiprofeto (Mat. 11:14, 15; Luka 1:17).

Ucinga ukuba sithetha ntoni isaci "ukubuyisela iintliziyo"?

Kuninzi ukusetyenziswa okunokubakho kwezi ndima: Ibhekisa kuxolelaniso lwabantu bakaIsrayeli noThixo. UThixo njengoBawo (Isa. 63:16) ubuyile kwingqumbo yaKhe ngakubantwana baKhe (Mika 7:18, 19) ngoku uyababiza ukuba babuyele kuYe (Isa. 44:22, Mal. 3:7). Ibhekisa ekuxhumanisweni kwezizukulwana ezilandelayo namanyange azo awayethembekile ngokwenziwa ngokutsha komnqophiso. Ubizo lobuprofeti kubantu bakaThixo ukuba balandele inkolo yamanyange lwaphindaphindwa ukwenziwa kwiTestamente eNdala. Into yokuba ilizwe laqhubeka liyindawo yokuhlala esikelelweyo yayihlangene ngokutsolileyo nokuthembeka emnqophisweni (Dut. 4:29–31). Ibhekisa ekubuyiselweni nokwenziwa ngokutsha kolwalamano losapho. Ulwalamano lwabazali nabantwana kukubonakalalisa okuphandle kokunyaniseka kumnqophiso noThixo. Nalapha, ukuzalisekwa kwemithwalo kubazali nabantwana kwaqhubeka kulilifa lelizwe nentsikelelo kaThixo. (IMiz. 2:21).

Yintoni ehlanganisa ukubuyiselwa kolwalamano noThixo nokubuyiselwa kolwalamano ezintsatsheni zethu? Kutheni le nto kufuneka ukuba enye yenzeke ngaphambi kwenye?

Ukuhlanganiswa Kosapho

Ukungeniswa kokunqulwa kukaBhahali kwaIsrayeli nguYezebhele, umfazi ongumTsidonikazi kakumkani uAhabhi, kwakhawulezisa ukusibeka isizwe kumqengqelezi ekuziphatheni. Iimfundiso zikaThixo ezaziphakamisa umtshato, usapho nokuziphatha ngokwesondo wagutyungelwa zizenzo zokulalana kwabazalanayo, ubuhenyukazi, nokunye ukugqwetheka kokusetyenziswa kwesondo. Kwibala lembambano ngonqulo kwangena uEliya, ogama lakhe nje lilodwa, "uYehova nguThixo wam," lalikhalimela uBhahali.

Yintoni eyenziwa nguEliya emhlanganisa nokubhukuqa iinkolo zobuhedeni nokuzisa ubomi obutsha kwiintsapho? 1 Kumkani 16:29–17:24; thelekisa noLuka 4:25, 26.

UEliya waqatshelwa emva kokuba evakalise isiqalekiso sobukho kwembalela elizweni. UThixo wamkhusela kwindawo engacingelekanga—ikhaya lomhlolokazi olihlwempu, eTsarefathi yasiTsidon, kufuphi nendawo ekwakuhlala kuyo uYezebhele. UEliya wambulisa umhlolokazi ngovavanyo oloyikekayo, ukuba asebenzise iintsasa zokugqibela, ioli nomgubo ukuba ondle yena aze athembele kuThixo ngekamva lakhe. Ukholo lwakhe lwaba ngummangaliso. UYesu ngokwaKhe waya wamncoma kamva (Luka 4:26). Kwathi kwakwanda ioli nokutya iintsuku ezininzi, waba nokumqonda ngakumbi lo mfazi uYehova. Emva koko, ngengozi, unyana wakhe ekuphela kwakhe wagula wafa. Wathi akuthetha ngentlungu yakhe kuEliya, watyhila inkolo eqhelekileyo anayo, iinkolo ezigqwethekileyo ezazingqonge uIsrayeli ngeli xesha, apho isono somntu sasifuna ukuba abingelele ngomntwana (1 Kumkani 17:18; thelekisa noYer. 19:5, Mika 6:7).

Kwaba nagalelo lini, ngokwasemoyeni, kumhlolokazi waseFenike ukuphinda ahlanganiswe nonyana wakhe?1 Kumkani 17:24. Yintoni esinokuyifunda kwintetho yakhe?

Impendulo kamama iveza igalelo lesigidimi sikaEliya. Ukukholwa kuThixo neLizwi laKhe kuye kwabakhona entliziyweni yakhe, ngamandla aKhe, ubomi babuyiselwa lwaza usapho lwamanywa kwakhona. Baninzi namhlanje abavuma xa kubekwa iimfundiso, kodwa badikidiki ebomini babo. Noko kunjalo, xa iinyaniso zeLizwi likaThixo ziphilwa ngumntu kuze kwenzeke imvuselelo nokubuyiselwa kulwalamano lwekhaya, ukoyiswa lilizwi kubuyela ngamandla entliziyweni kunakuqala.

Kokuphi ukubuyiselwa kokumanyana kweentsapho osalulindeleyo? Athini amadinga kaThixo obambelele kuwo akunika ithemba loko kuhlanganiswa kweentsapho?

Ukubuyiselwa Kweentliziyo Esibingelelweni

Funda: 1 Kumkani 18:20–45. Bhala kule migca ingezantsi oko lingako lonke eli bali. Nangona umxholo wahluke kakhulu, inokusebenza njani imithetho-siseko yeli bali kubomi bosapho lwakho?

Entabeni yeKarmele, uEliya walangazelela ukubona ukuhlaziywa omnqophiso sisizwe sakhe, ukubuyela kwenkolo yooyise okwakuza kuzisa impiliso ebomini babo, emakhayeni naselizweni labo. Ixesha lonqulo lwangokuhlwa. Emva kokusilela kwababingeleli babahedeni kumbingelelo wabo, kwaba lixesha likaEliya. Wazikhethela. Ngokwemini, yayilixesha lecebo lokuhlangula kukaThixo kwinkonzo yasengcweleni (thelekisa noEks. 29:41). Isimemo esithi, " 'Sondelani kum apha' " (1 Kumkani 18:30) sisikhumbuza uMsindisi esamkela aboni (thelekisa noMat. 11:28). Abazali abanentlungu ngokulahleka komntwana banokuqiniseka ukuba uThixo uyamthanda okanye naye [mzali] njengoko wayethanda uIsrayeli. UThixo usebenza angaphumli ukutsalela kuYe abo bamkileyo endleleni.

Ukuqwalasela kukaEliya kwisibingelelo sikaYehova kufana nokwexesha lethu xa uYesu nobabalo lwaKhe olusindisayo luphakanyiswa emakhayeni. Unqulo losapho lulithuba lokuthetha naYe emthandazweni, ukuthetha ngaYe nomnye nomnye, ukwamkela ngokutsha isipho saKhe sosindiso, nokunika iintliziyo zethu ixesha lokuthetha nokucinga ngeemfundiso zaKhe. Impendulo awayifunayo uEliya yayiza kuba ngumqondiso wokuba uThixo ubathabathele kuYe kwakhona. U-1 Kumkani 18:37 uthi, " 'bazi aba bantu . . . ukuba uyiguqulele kuwe intliziyo yabo.' " Asikwazi ukuzibuyisela kuThixo iintliziyo zethu; okwethu kukusabela nje kubabalo lwaKhe, asinika lona ngaphandle kwentlawulo. Umlilo odla konke wehla, kungekho phezu kwabanetyala kodwa phezu kombingelelo, usalatha kuYesu, owenziwa "isono ngenxa yethu, ukuze thina sibe bubulungisa bukaThixo kuye" (2 Kor. 5:21). Kwabakho ukuvuma nokudumisa okukhulu emilebeni yabantu. Ngenxa yokuba bengazange basabele kubizo lukaThixo, ababingeleli bobuxoki babulawa. Emva koko, iimvula ezihlaziyayo zawa phezu kwelizwe.

Sikweyiphi imeko "isibingelelo" sekhaya lakho? Zeziphi iindlela eziphathekayo onokuthi ngazo "usakhe ngokutsha isibingelelo" ekhayeni lakho, ukuba ngokwenene kuyadingeka ukwakhiwa ngokutsha?

Ukubuyiselwa Kweentliziyo [okwenziwa] EYordan

Ecaleni kokuthethwe nguGabriyeli kwangaphambili (Luka 1:17) nokuqinisekisa kukaYesu ngaYe njengoEliya ekwaxelwa ngaye kwangaphambili (Mat. 11:14; 17:12, 13), ababhali beeVangeli baqinisekisa ukuba uYohane umBhaptizi wayenguye loo "mthunywa" wayeza kulungisa indlela yeNkosi (Mat. 11:10, Marko 1:2, Luka 7:27; thelekisa noMal. 3:1).

Phawula iingongoma ezibalulekileyo zesigidimi sikaYohane. Zeziphi iindlela esathi esi sigidimi sasesinye esi"buyisela intliziyo"? Mat. 3:2, 8; 14:4; Marko 1:4; Luka 3:3, 8, 9, 11, 13, 14.

Njengomfama olima umhlaba owomileyo ukulungiselela ukuba wamkele imbewu, uYohane wakhalimela isono wakhuthaza aboni ukuba baguquke. Imvelo yomntu iluhlobo oluthi, xa ingazihlolanga, ingayiqondi eyona meko yayo, ayiziva ifuna nto ingcono. Isigidimi sakhe sabuyisela abantu kwizinto ezingcwele ezifunwa nguThixo nokudinga kwabo ubulungisa baKhe obugqibeleleyo. Inguquko yenene ikholisa ukubonakala ngokuthobeka nokulindela uncedo kuThixo ukuguqula ukuziphatha komntu. Ngokuveza ukuhanahanisa kwebango elingenabunzulu nolokuzithanda lokuba uAbraham wayenguyise, wazama ukuyichaza ngokunzulu intsingiselo yokholo looyise.

Isigidimi sikaYohane umBhaptizi sayilungisa njani indlela kaYesu? Yohane 1:35–37, 3:27–30.

UYohane wamboniswa uYesu eyiMvana kaThixo. Wathi xa emazisa uYesu ngolu hlobo (Yohane 1:29, 36), wabakhangelisa abantu eNkosini ngokuphandle. UAndreya nabanye abafundi bakaYohane, uYohane umbhali weVangeli owabhala ingxelo yaloo mini, walishiya icala likamBhaptizi waba ngumfundi kaYesu. Isigidimi sikaEliya asaneli kudinga inguquko kuphela; sibonisa Lowo usisindisa esonweni, enze kubekho uvuyo olukhulu ngaYe, abazise kuYe abantu.

Ukuba uYohane umBhaptizi ebengafika nje ekhayeni lakho, ucinga ukuba ebengathini kuwe?

UKubuyisela Iintliziyo Ngemihla Yokugqibela

Ngandlela ithile, thina singamaSeventh-day Adventist sizibona sikwindawo kaYohane umBhaptizi. Ukuvakalisa uhlaziyo nenguquko okwakufuneka ukulingisa indlela yokuza kukaYesu kokuqala, thina, njengentshukumo, sizibona sisenza loo msebenzi mnye ukulungiselela ukuBuya kwesiBini.

Funda ngomthandao uLuka 1:17. La mazwi asibamba njani isigidimi sethu?

_____

_____

_____

UBawo osemazulwini uzibuyisele iintliziyo zabantwana baKhe kuYe kwaye uzibuyisele iintliziyo zabantwana baKhe komnye nomnye ngoMnqamlezo kaKristu. Isigidimi sikaEliya sicenga iintsapho ukuba zikholelwe kwiindaba ezilungileyo ekunzima ukuba zikholelwe (2 Kor. 5:18–21; thelekisa uEfese 2:11–18) nokuba ngabantu abazaliswe yimfesane njengoko uMoya waKhe ethwala isivuno sothando kubo. Umhlaba udinga ngamandla ukubonakalaliswa kwenkathalo engasekeleze nzuzo, ukuzibophelela okuzinzileyo, nokuzinikela kuThixo okungagungqiyo. Kufuneka sikhumbule, kodwa, ukuba isigidimi esinaso somhlaba sikwa sesethu nathi. Ingekade imithetho-siseko yegospile, eyobunye, eyothando, neyokuzincama, ibonakalaliswe phakathi kwethu, ngakumbi kwiintsapho zethu, asisayi kuba nawo amandla okuthetha ngesi sigidimi kwabanye. Zonke iintshumayelo zobuciko, konke ukutyhila iinyaniso zeBhayibhile ngokulandelelana ngobuchule, akwanelanga: Ilizwe lifuna ukubona kubonakala ebomini bethu, ngakumbi kwiintsapho zethu, inguquko, ukubuyiselwa kweentliziyo, uthando, nokuzibophelela koko sikushumayelayo. Kanye njengoko uYohane umBhaptizi waba namandla awaguqula ubomi aza enza ukuba ukushumayela kwakhe kube nempumelelo, nathi sinako ukwenza njalo ngobabalo lukaThixo, kodwa kuphela kangangoko sinentumekelelo yokusebenzisana [naYe]. Siyinxalenye yosapho lwasezulwini, ngoYesu (Efese 3:15). Ngoko ke, nokuba silusapho lomntu omnye okanye ngaphezulu, sibizelwe ukuba sibe ngamangqina ngoThixo esizibiza ngokuthi siyamkhonza, kwaye ingekho enye into enokwenza ukuba ukungqina kwethu kube nempumelelo ngaphezu kokuba silibonise ihlabathi loo nto usapho, nokuba lungakanani, lunokuba yiyo ngamandla egospile.

Yintoni onokuyenza, ngendlela ekhethekileyo, nokuba kukusapho ohlala nalo okanye komnye umntu, omthandayo nokhathalayo ngaye?

_____

Ingcamango Eyongeziweyo:

Ellen G. White, "IKarmele," amaph. 143–154, *kuAbaprofeti NooKumkani;* "Ilizwi Entlango," amaph. 97–108, *kuOwayelangazelelwa Emaphakadeni*. "Isigidimi sethu kufuneka singqale njengoko sasinjalo esikaYohane. Wakhalimela ukumkani ngenxa yobugwenxa bakhe. Naxa ubomi bakhe babusengozini, akazange avumele ukuba inyaniso inyamalale emilebeni yakhe. Umsebenzi wethu ngeli xesha kufuneka wenziwe ngokuthembeka okufanayo [noko kukaYohane]." — Ellen G. White Comments, *The SDA Bible Commentary,* vol. 4, p. 1184.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Niyiklasi, xoxani ngokufaneleka kwesigidimi sikaEliya ebandleni lenu lasekuhlaleni. Yintoni eninokuyenza ukulinceda ibandla lenu ukuba lisiqonde isigidimi nendawo yalo ekuncedeni ukusisasaza?

2. Abo bakulungeleyo ukwabelana neklasi ngamava abo okuba "iintliziyo zabo zibuye," mabanikwe ithuba lokwenza oko. La mava enza umahluko onjani ebomini babo nasebomini beentsapho zabo?

3. Ukuba singazibona sikwindawo kaYohane umBhaptizi, singalindela ukuba kungenzeka ntoni kuthi? Sithini isigidimi esingqalileyo esiqukwe kuloo mpendulo?

4. Niyiklasi, yenzani isiqendwana [iparagrafu] esifana ne"Declaration of Family Principles," [Ukuphakanyiswa Kwemithetho-siseko Yosapho] equka ingcamango yeBhayibhile ngosapho. Ithini imigangatho eninokuyisebenzisa ekunincedeni ukwenza loo mithetho-siseko? Nifunde ntoni kule kota enokuba inincedile ekumiseleni into enokuba yiyo le mithetho-siseko? Lungelani ukwabelana ngoku nebandla lonke.

5. Njengomzali, zithembiso zini onokuzibanga ngenxa yabantwana, ngokwangoku bekweli xabiso, abathe babaleka eNkosini?